Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

CHIEF MARKER'S REPORT

SUBJECT:	ISIXHOSA HOME LANGUAGE P2

1. ANALYSIS OF QUESTION BY QUESTION PERFORMANCE

QUESTION 1

Lo ibingumbuzo omde onjongo ibikukukhangela ukuba abafundi banaso isakhono sokuhlalutya umbongo. Kufumaniseke ukuba abafundi abakwazanga ukuhlalutya umbongo. Basuke babalisa abawukhathalela umbuzo ukuba ufuna ntoni. Bambi basuke bawukhuphela umbongo njengoko unjalo, bambi benze isishwankathelo. Lo mbuzo ubufuna bachaze indlela imbongi ezisebenzise ngayo izixhobo zohlalutyo ukuphuhlisa intsingiselo bekhokelwa ziingongoma abazinikiweyo abamachankcathe kuzo xa bephendula; umzekelo :

- Ukwakheka kwemiqolo nezitanza
- Isingqisho
- Uphindaphindo

Abantwana xa bebephendula abohlulanga ngokwemiqamelwano ebe isisikhokelo. Basuke bavuba bathi besesingqishweni babe bekuphindaphindo phofu bengachazi nto ngokuphuhlisa intsingiselo. Le ngxaki yokungakwazi ukuphendula umbuzo omde kwisihobe ingasonjululwa ngokuwuqhiza umbongo ngokupheleleyo usebenzisa izixhobo zohlalutyo ukuphuhlisa intsingiselo/umxholo. Ngale ndlela baphendule ngayo kukho urhano lokuba abazifundiswanga izixhobo nendlela yokuhlalutya bekhupha intsingiselo.

QUESTION 2

Nangona lo mbuzo ibingumbuzo omfutshane apho kulindeleke ukuba abafundi bafumane amanqaku amaninzi , akubanga njalo kuba abafundi abaninzi ekurhaneleka ukuba makube ngamantombazana boyisiwe kukuyiphendula eminye imibuzwana njengoko ngokwenkcubeko yakwaXhosa umcimbi wolwaluko ungeyonto yabasetyhini.Injongo yale mibuzwana ibikukuvavanya ulwazi ,indlela izinto abazijonga ngayo kunye nendlela izinto abazixabise ngayo ngokuphathelele kwinkcubeko yamaXhosa. Le mizekelo ilandelayo ibonakaliswe ngale mibuzwana ibonisa le ngxaki :

2.1 Iimpendulo ziwe ngokuwa kwaye zibonakalisa ukuba abanye abafundi abamazi u “Andiva makwedini” ukuba ubhekisa koobani kwaXhosa.

2.3 Bayabhidwa kukuphendula umbuzo onxulumanisa ubumhlophe bomkhwetha obubangelwa kukuqaba ingceke nobumhlophe besithunzela. Abasazi kwa isithunzela, loo nto yenze kube nzima ukunxulumanisa ubumhlophe bengceke nobumhlophe besithunzela. Ababuvezi obu bumhlophe ukuba bobokuba beqabe ingceke kubo iba ngathi bubumhlophe ngokwebala lesikhumba.

2.4 Ngokweempendulo ezinikwe ngabafundi ekucingeleka ukuba ngamantombazana abasazanga isithetha ntonye segama “ INGCEKE” bona bacinge ukuba ngamafutha.

2.5 Apha ziwe ngokuwa iimpendulo kubonakala ukuba umdlanga awaziwa ngabafundi abaninzi ingakumbi amantombazana. Iilwimi zengingqi zithande ukunika ingxaki kulo kulo mbuzo.
Umzekelo : Bambi bathi umdlanga yinyama yasebakhwetheni, yirhorho yengca ehlala ehlala ezinjeni nasezinkomeni njalo - njalo.

2.6 Nakulo umbuzo basilele abafundi ekuboniseni ukuba uphinda – phindo lwegama “ INGQONDO” lubethelela ntoni malunga nobudoda.
Umzekelo : Basuke bona bathi indoda ifanele ibenengqondo kwaye ibalibhongo kowayo.

Ngokwezi mpendulo zinikwe ngabafundi kuyaphawuleka ukuba ngenxa yohlobo lwalo mbongo, ootitshala abangenanga nzulu ekucazululeni isigama ukuphuhlisa intsingiselo waze ke lo mbuzo walungela bhetele aba bangamakhwenkwe ngakumbi abo sele benamava ngolwaluko

QUESTION 3

Ngokweempendulo zabanye abafundi kuyacaca ukuba asingabo bonke abafundi abawufundisiweyo lo mbongo. Umzekelo :

3.1 Abanye abafundi bamthathe uMendi kuba ebhalwe ngonobumba omncinane njengomfazi owendileyo othe wasweleka esemzini.
Kubekho ukuphinda umbuzo xa abafundi benika impendulo. Umzekelo :
Kukutshona kukaMendi elwandle, yinqanawe uMendi etshona elwandle. Bambi banike nje isizathu sokuba loo nqanawe ide iye kutshona elwandle.

3.3 Babhala imiqolo bengabonisi apho kukho imvano siqalo ngokukrwelela imigca.

3.5 Nangona lo mbuzo ubakhokela abafundi ngegama umyinge abakwazanga ukuwuphendula. Basuke bathi yinto enkulu/ encinane endaweni kaninzi

Lo mhobe usekwe kwisiganeko esehla ngalaa mfazwe yokuqala yeHlabathi. Kumele ke ngoko abe utitsahla uqule waligangatha ngesi siganeko khon'ukuze akwazi ukutyhila intsingiselo yalo mhobe. Oku kuqapheleke kakhulu kwimibuzo enjengo 3.7,3.9 kuba basilele ekuphenduleni abo bangenalwazi ngesi siganeko ibonga ngaso imbongi.

QUESTION 4

- Lo mbuzo wenziwe kakuhle luninzi lwabafundi. Mbuzwana othe wanengxaki ngu 4.5 apho abafundi bebesuka laa miqolo bayikhuphe injalo bengashwankatheli. Oku kuphinda kusise kumagumbi okuqeqesha abafundi . Bafuna kulolwe izakhono zabo zokuphendula imibuzo. Kufuneka bazile ukuba xa kusithiwa "shwankathela" kulindeleke ntoni.Kaloku xa ushwankathela unika into ebithethwe ngolu hlobo, ngokufutshane, ungekhe ke ngoko unike igama negama kanti uyashwankathela.
- Umbuzwana 4.7 ubufune babonise ulwazi lwabo ngohlalutyo apho bekulindeleke beveze injongo yophindaphindo yomqolo, "Oko bendingumntwana" Kwisihobe lonke uphindaphindo lujonge ugxininiso, kufuneka ke ngoko umfundi abonise okuphuhliswa lulo.

Q**UESTION 5**

- Abawazi amaxesha onyaka
- Abakwazanga ukusichonga isigama nabo bakwazileyo abakwazanga ukufezekisa impendulo yombuzo, ukuba isigama siwuphuhlisa njani umxholo.
- Bagxininise kweli xesha lonyaka ligxothwayo kuneli libuzwayo [intlakohlaza] kuthethwa ngalo.
- Lo mbuzo uhambelana nombuzo wokuqala. Umfundi apha bekulindeleke ukuba acazulule indlela imbongi esisebenzise ngayo isigama ukuphuhlisa umxholo.
- Oku kuthetha ukuthi indlela yokusuka komfundi kukuba azi ukuba uthini umxholo. Akwenjenjalo uya kukwazi ukuba isigama asikhethileyo sisetyenziswe njani ukuphuhlisa umxholo

.

QAPHELA : Lo ngumbuzo ongafundiswanga klasini apho kulindeleke ukuba umfundi asebenzise ezaa zakhono zakhe ubumnike zona zohlalutyo.

QUESTION 6

Kule mibuzwana abafundi baphendule ngolu hlobo :

6.1 Uninzi lunike igama elinye endaweni yomqolo endaweni yokunika umqolo lowo unelo gama

6.2 Abanye abafundi bawunika iintsingiselo ezinxaxhileyo lo mbuzo xa bephendula kutsho kubonakale ukuba abakwazi ukuza nentsingiselo yeli binzana.

6.4 Bakho kanobom abasichanileyo esi sifanekiso zwi u “NYA “. Abanye basuke banika intsingiselo echasene nale ifunekayo. Kwabanye usisithuko kubo.
6.5 Kuwo babonise ukungakwazi ukufunda kuba endaweni yokucacisa igama “ukusebeza” bacacise “ukusebenza”
6.6 Kubo ukumhokamhokana ibe koko kubhekisa kubantu abathandanayo.
6.9 Abafundi babonakakise ukungasazi isafobe , imfano zandi. Bathetha ngemvano zandi.
Nangona kunje zibekhona izikolo ezenze kakuhle kakhulu kulo mbuzo kwaye umbuzo lo ubuchanene kakhulu nabo njengabafundi.
Isisombululo sinye sesokuba ootitshala bawunike ingqwalasela ebukhali umsebenzi wokuhlalutya izibongo, kuchatshazelwe isigama ngamandla kuba abafundi balahlekiwe lulwimi lwabo lwenkobe ngenxa yefuthe lezinye iilwimi abazifumanayo ekuhlaleni.
Into ebeyingxaki ngamandla kweli candelo kukungakwazi kwabafundi ukuchonga imibuzo ngendlela/ ukungafundisisi imiyalelo abayinikiweyo, nto leyo ebaphulukisana namanqaku aliqela.

QUESTION 7

Lo mbuzo uphendulwe ngabafundi abambalwa kakhulu. Nabo bawuphenduleyo abayinanzanga imiqamelo ebekufuneka bechankcathe kuyo, basuke benza ingxubevange.

Kulo mbuzo babethakele kakhulu abafundi ngoba endaweni yokuphendula into efunwa ngumbuzo basuke babalisa.

Ubunzima umbuzo ngoba ubuxakathe kakhulu, ufuna umfundi azobe isimo –ntlalo avelise indlela esinefuthe ngayo, achankcathe kuso ekuveliseni umxholo. Abafundi bona basuke babalisa ibali, bangangeni kwaphela kwisimo sentlalo nefuthe laso kumxholo. Bambalwa abazamileyo ukusondela kwiimfuno zombuzo.

Eyona njongo yokubuza umbuzo osisincoko kukuvavanya izakhono zokucwangcisa impendulo,ulwazi lwakho ngebali, indlela ozibona ngayo izinto.

QUESTION 8

8.1 Abaninzi bawuphendule kakuhle kakhulu lo mbuzo.Ikhona imbinana ethe yaphulukana namanqaku kulo mbuzo ngenxa yokuquka kwimpendulo yayo. Isuke ithi nooSonwabo endaweni yokuba bababize amagama

8.2 Kulo umbuzo bohlulwa kukubiza igama lendawo. Into abasuke bayenze kukuthi “ kusehlathini”bangathi laseKnysna

8.4 Bohlulakele apha. Basuke bahendeka ngokuthi basithathe sinjengoko sinjalo esi sivakalisi

8.5 Bayohlulwa kukuchonga endaweni yoko basuke babhala sonke isivakalisi.

8.7 .1 Abakwazanga ukuyiphuhlisa intsingiselo yokulengetyeka . Kuyacaca abafundi balahlekiwe lulwimi lwabo lwenkobe

8.8 no 8.9 Le ngxaki yokulahlekwa lulwimi lwabo iyabonakala nakule imibuzo.

8.13 Bakho abanike iimpendulo ezitenxileyo xa bephendula njengokuthi ezi ntloko zazinganceda ekwenzeni iipilisi kanti uninzi luwuphendule ngokufanelekileyo lo mbuzo.

8.15,8. 16, 8.17 Iimpendulo ziwe ngokuwa kwabo bangayaziyo incwadi kanti uninzi luphendule ngokuchanelekileyo

Linye icebo kukuba mazifundiswe iincwadi ngootitshala kungayekelwa ebantwaneni bazifundele.

QUESTION 9

Abawukhethileyo lo mbuzo mde balambathile ekuzuzeni amanqaku abonakalayo ngenxa yombuzo obufuna bachankcathe kwimiqamelwana ibe ingabaniki mhlaba mninzi wokuthetha khona ukuze bafumane amanqaku abelwe lo mbuzo. Loo nto yenze ukuba angakwazi ukunika iingcinga zikaMfazwe esesiseleni eBholo, ufika esenza ingxubevange athi eseBholo abe esendleleni eya eRhini, de aphume omnye aye eholweni kwaQaka

Okuqapheleke ngalo mbuzo kukuba umthamo wawo awungqamani namanqaku, kungoko loo nto ithande ukunika ingxaki.

QUESTION 10

Uninzi lwabafundi abakhethe lo mbuzo bawuphendule kakuhle nangona bekhona abo bangaphendulanga kakuhle kule mibuzo ilandelayo:

10.2.1,10.2.2 Kuba le mibuzo inento eyibonisayo nokungonwabi abafundi bathande ukubhidanisa xa benika intsingiselo

10.5 Abawuchananga , abafikeleli kulaa ndawo yokuba abantu badutyulwa bade bafa

10.12 Apha baphendule ngokuthe gabalala endaweni yokuchaza iziganeko ezenzeke kuMfazwe.

10.13 Abakwazanga ukuwuphendula lo mbuzo. Basuke bathethe ngokufumana igranti nenkam-nkam
Icebo liselinye mazifundiswe iincwadi ezikolweni kungayekelwa ebantwaneni.

QUESTION 11

Lo mbuzo ube yingxaki kakhulu kuba ubumbaxa kakhulu. Banikwe imiqamelo amabayilandele xa bephendula, kodwa bona baye abayinanza. Basuke bachonga iziganeko eziphuhlisa impixano kule ncwadi, nazo bazivuba bengayinanzanga nendlela le le mpixano elikhulise ngayo ibali.
Bawukhethe lo mbuzo kuba benyanzelwa yimiqathango yemiyalelo.
Iimpendulo zabafundi gabalala :
Abafundi abaninzi bakhangeleka bengenalwazi lupheleleyo ngencwadi, bayababhidanisa abalinganiswa. Kukho ababhala abangekhoyo apha encwadini, umzekelo : bakhankanya ooThobeka noNomsa,bakhangeleka okwabantu abangenazo iincwadi. Amagama neziganeko eziqhubeka apha encwadini akadibani.Umzekelo : UNamhla uthuka uLizo kuba emithise uZodwa,

Abavavanywa ababhale phantsi kwezihlokwana banengxaki yokubhala isihloko ze bathethe okanye bachaze iziganeko ezingahambi nesihlokwana eso, umzekelo : Athi kwisihloko impixano yangaphakathi,kungabikho siganeko sihamba nesihloko asuke achaze ngokuxabana kukaNamhla noSidima nazo zonke ezinye azikhumbulayo ezinengxabano.

QUESTION 12

Ngomnye lo wemibuzo ephendulwe kakuhle luninzi lwabafundi.Nangona kunjalo bakho abathande ukugqwidiza xa bephendula. Le mizekelo ilandelayo ibonisa imibuzwana engaphendulekanga kakuhle.

12.5 Abavavanywa abaninzi banolwazi olumfiliba ngolwazi gabalala, loo nto yenza bangayichani intsingiselo yokuguya lulonwabo , kodwa ke impendulo ikwalapha kumbuzo ayifuni lwazi lwancwadi .

12.7 Iimpendulo zabafundi abangafundanga ncwadi nababhude umbuzo 12.6 azichaneki oko kutsho baye bangayazi indawo awaye kuyo kuba bengazi kwalo mlinganiswa kuthethwa ngaye.

12.9 Bambi bachaze izilwanyana ezingekhoyo apha encwadini xa bephendula ,umzekelo : ingonyama, ikati. Oku kubangelwa kkukungayazi incwadi

12.14 Abaninzi basebenzise ulwazi lwabo ngencwadi le, bathi luphando lokubulawa kukaDuma noZodwa waseBhayi.

12.18 90% iwuphendule kakuhle lo mbuzo ize i10% ibe yile ingayifundanga incwadi.

QUESTION 13

Bambalwa abafundi abaphendule lo mbuzo, nabo bakhangeleka besebenzise ulwazi gabalala ngomahluko abawaziyo phakathi kweenkosi, nabefundisi abanalwazi ngeziganeko ezisencwadini. Loo nto yenza bangafumani manqaku athe vetshe. Abanye babhidwe ligama "unxibelelwano" KWIBHULETHI 1, abalazi ukuba lithetha ubudlelwane loo nto yenza bangawuchani umbuzo. Abanye kwibhulethi 2 bathetha ngomahluko phakathi kwenkolo yakwaNtu neyobuKrestu gabalala bengabhekisanga apha ebalini. Ngokunjalo nakwiziphumo

QUESTION 14

Uninzi lweempendulo lufumaneka kwalapha kwisicatshulwa. Loo nto yenze kubekho abafundi abawutsibelayo lo mbuzo bengayenzanga le ncwadi. Umbuzo 14.1 ukuya ku 14.9 abafundi bayakwazi ukuwuphendula ngokufunda isicatshulwa esi kuphela nangokusebenzisa ingqondo yabo yemveli.

14.10 Abafundi abawuphenduli kakuhle , baqikelele izinto ezichasene nenkolo yobuKrestu,umzekelo ukusila, utywala, ukuyeka amasiko.

14.11 Lo mbuzo kwabo bafundi bawuphendule ngolwazi gabalala ubabethile kuba abazi kwaMaqoma lowo.

14.14 Banika ulwazi lwabo bengasingiselele kwincwadi le.

14.15 Akukho nomnye kwabaphendule lo mbuzo owuchanileyo ngenxa yokungayazi incwadi.

7. ANY ADVICE THAT YOU COULD GIVE TO EDUCATORS TO HELP LEARNERS TO REACH THE EXPECTED LEVELS

- Makuqwalaselwe ukuba abafundi baya fundiswa ukuhlalutya kwakumabanga asezantsi -10 -12
- Mabanikwe imisetyenzana egxile kuNcwadi eza kubenza bakhuthalele ukulifunda ibali.
- Iititshala mazigxile kakhulu ekucaciseleni abafundi amagama afana nala : IBINZA, IGAMA, njalo njalo.
- Mabafundise umahluko phakathi kwamagama ombuzo ombuzo afana noo-chonga, xela, caphula, chaza, cacisa njl. njl ukuze bakwazi ukuphendula ngendlela echanelekileyo.
- Kwimibuzo esisincoko abafundi mabafundiswe ukuwucazulula umbuzo bejonga amagama azizikhokelo ukuze bakwazi ukuba baza kunyathela kweziphi iingongoma xa bephendula.
- Iindlela zokukhetha imibuzo kuwo omathathu la macandelo mazifundiswe kuba abantwana abaninzi babe ngamaxhoba okuphulukana namanqaku ngenxa yokungaphenduli ngokwemiyalelo

- Ukubaqhelanisa nale miyalelo ootitshala baya khuthazwa kwakwiimviwo zikaJuni ukuba balandele isikhokelo sovavanyo .
- Ukuzama ukuphucula ulwimi abafundi mabakhuthazwe ukuthatha inxaxheba kwizinto ezifana nezi zilandelayo, ingxoxo mpikiswano, intetho njalo njalo.
- Abafundi mabakhuthazwe ukufunda iincwadi khon'ukuze bakwazi ukupela amagama ngendlela efanelekileyo.
- Ezikolweni abafundi mabaqhelaniswe nokuphendula imibuzo emide ngokunikwa le misebenzi bangasuke badibane nayo ngoviwo lokuphela konyaka.
- Ingxaki enkulu lupelo, ukusetyenziswa koonobumba , izingxi neziphumlisi nazo zonke iimpawu zegrama.Icebo linye kukubanika imisebenzi yokubakhulisa ekusebenziseni ulwimi,banikwe imisetyenzana efuna balungise iziphene kuquke nezivumelanisi zentloko nenjongosenzi.

8. ANY OTHER COMMENTS

- Iindibano ezenziwa ngabacebisi bolwimi mazibekho ngokweeklasta/iingingqi kuxoxwe ngeengxaki kwezi ncwadi. Ootitshala ebebechongelwe ukukorekisha eli phepha mababenegalelo elikhulu ekuxhobiseni abo bangalifumananga elo thuba.
- Makukhuthazwe ukubhalwa kwee-common papers ezithilini khon'ukuze abafundi baqhelane nokukhetha imibuzo ngendlela efanelekileyo nokuyiphendula kananjalo.
- Abavavanyi kuyafuneka baziswe ngeengxaki ezibethe abantwana ngenxa yendlela ababuze ngayo kuba imibuzo emide ibithande ukuba mbaxa . Babethakele abantwana kule mibuzo

Le grafu ingezantsi kukukrobisa ootitshala kwindlela abaphendule ngayo abafundi kusetyenziswe isampuli yabantwana abalikhulu.